ISIFUNDO SESIKOLO SESABATHA SABANTU ABADALA

4 IMFUNDO

Okuqulathiweyo

1	Imfundo Egadini Yase-Eden—*Septemba 26–Okthobha 2*	120
2	Usapho—*Okthobha 3–9*	128
3	Umthetho NjengeTitshala—*Okthobha 10–16*	144
4	Amehlo KaYehova: Umbono Wehlabathi NgokweBhayibhile *Okthobha 17–23*	152
5	UYesu NjengeTitshala EyiNtloko—*Okthobha 24–30*	160
6	Izifundo Ezongeziweyo NgeTitshala EyiNtloko—*Okthobha 31–Novemba 6*	168
7	Unqulo Emfundweni—*Novemba 7–13*	176
8	Imfundo Nokuhlangulwa—*Novemba 14–20*	184
9	IBandla Nemfundo—*Novemba 21–27*	192
10	Imfundo Kubuchule NakwiiSayensi—*Novemba 28–Disemba 4*	200
11	UmKristu Nomsebenzi—*Disemba 5–11*	208
12	ISabatha: Ukuxhamla Nokuphila Isimilo SikaThixo—*Disemba 12–18*	216
13	IZulu, Imfundo, Nokufunda Ngonaphakade—*Disemba 19–25*	224

Iofisi Yabahleli
12501 Old Columbia Pike
Silver Spring, MD 20904

Sityelele Kwi-Web site:
http://www.absg.adventist.org

Abanegalelo Elikhulu Esifundweni:
Abaphathi Beekholeji ZamaSeventh-day Adventists

Umhleli:
Clifford R. Goldstein

Isekela-mhleli:
Soraya Homayouni

Umanejala Wopapasho:
Lea Alexander Greve

Oncedisayo Ekuhleleni:
Sharon Thomas-crews

Ohlanganisa Konke EPacific Press:
Tricia Wegh

Umzobi Nocwangciso:
Lars Justinen

Oguqulele EsiXhoseni
Mpumelelo I. Buwa

© 2020 General Conference of Seventh-day Adventists®. Onke amalungelo agodliwe. Akukho ndawo kwiSikhokelo Sokufundwa kweBhayibhile Sesikolo SeSabatha Sabantu Abadala, (uMgangatho oHleliweyo) inokuhlelwa, itshintshwe, ilungiswe, iqhelaniswe, iguqulwe, yandiswe, okanye ipapashwe ngumntu okanye umbutho ngaphandle kokuba, phambi koko, kufunyanwe isigunyaziso esibhaliweyo esiphuma kwiGeneral Conference of Seventh-day Adventists®. Iofisi zezahlulo zeGeneral Conference of Seventh-day Adventists® zinegunya lokulungiselela ukuguqulwa kweSikhokelo Sokufundwa kweBhayibhile Sesikolo SeSabatha Sabantu Abadala phantsi kwemiqathango ekhokelayo emiselweyo. Ilungelo lobunini benguqulelo ezinjalo kunye nokusasaza kwazo kuya kuhlala kulilungelo leGeneral Conference. U"Seventh-day Adventist," "Adventist" kunye ne'logo' yelangatye ziimpawu zorhwebo ezisemthethweni zeGeneral Conference of Seventh-day Adventists® kwaye azinako ukusetyenziswa ngaphandle kokuba, ngaphambi koko, kufunyanwe isigunyaziso esiphuma kwiGeneral Conference.

Isikhokelo Sesifundo Sesikolo SeSabatha Sabantu Abadala silungiswa yiofisi ejongene neZikhokelo Zokufundwa KweBhayibhile Ngabantu Abadala kwiNkomfa Eyongameleyo (General Conference) yaBalindi (Seventh-day Adventists®). Isikhokhelo esi siphantsi kwenkokhelo yeQumrhu elipapasha izikhokelo zokufunda iBhayibhile. Isikhokelo esipapashiweyo sibonisa igalelo lekomiti yelizwe ngokubanzi ehlola umgangatho nokuvuma kweBhodi yosasazo lweSikolo SeSabatha ukuze, ngolo hlobo, singabi ziingcamango zombhali okanye ababhali kuphela.

Iinguqulelo ZeBhayibhile Ezisetyenzisiweyo (Zimbini ezesiXhosa):

Eyokuqala: IZIBHALO EZINGCWELE: U'Hlaziyo lweNguqulo yeMvumelwano, kuHlaziyo loBhalo-magama oluVunyiweyo, uhlelo lweshumi elinambini 2010; ushicilelo lwesihlanu 2014.' [Yeyona isetyenzisiweyo koku kuguqulwa kwale ncwadi].
Eyesibini: IBHAYIBHILE: Inguqulelo entsha egqityezelwe ngowe-1996. Xa kucatshulwe kuyo kubhalwa IBHAYIBHILE emva kwaloo ndima icatshulweyo.
Ukuba kwenzekile kwasetyenziswa okuphuma kwinguqulelo yesiNgesi, kuya kwaziswa noko. [Nazo ezesiNgesi zisetyenziswe ngemvume kwisifundo esiguqulwayo
Ukusetyenziswa kwegama i"Bhayibhile" kubhekisa nakweyiphi inguqulelo, ngaphandle kwaxa libhalwe ngqo emva kwendima ecatshulweyo.
Kwesi sifundo sekota yesithathu yowama-2020, kusetyenziswe iKJV esetyenziswe ngemvume.

Imfundo YobuKristu

"Yingqalo yokulumka ukoyika uYehova; ukumazi Oyingcwele kwaphela yingqondo" (Imizekeliso 9:10). Cinga ngale ndima ingentla. Iqulethe, ngokwenene, iimbono ezimbini ezihambelanayo: "ukoyika," njengaxa uqhiphuk' umbilini, njengokumangaliswa bubuqaqawuli namandla kaThixo; kunye "nolwazi," njengasekufundeni inyaniso ngesimilo sikaThixo. Kungoko, ubulumko, ulwazi, nokuqonda kuzinze kuThixo ngokwaKhe.

Le nto iyavakala. Ngapha koko, uThixo uyintsusa yako konke ukubakhona, Lowo ikuphela kwaKhe owadala waxhasa konke ukubakhona (Yohane 1:1–3; Col. 1:16, 17). Nokuba yintoni na esiyifundayo, nokuba yintoni na esiyaziyo—[izinto ezihambelana nokuthakatha], iingelosi, iidemoni, "oozilawuli noomagunya, abakwezasemazulwini iindawo" Efese 3:10), yonke into—zabakho kuphela ngenxa kaThixo. Kungoko lonke ulwazi lwenene nobulumko nokuqonda ekugqibeleni kuphuma eNkosini ngokwaYo.

IsiBhalo sicacile: "UThixo uluthando" (1 Yohane 4:8), nto leyo echaza esi sicatshulwa sivela kuEllen G. White: "Uthando, isiseko sendalo nokuhlangulwa, sisiseko semfundo yenene. Oku kucaciswe kumthetho uThixo awunike ukuba ube sisikhokelo sobomi. Umthetho wokuqala nomkhulu uthi, 'Uze uyithande iNkosi uThixo wakho ngentliziyo yakho iphela, nangomphefumlo wakho uphela, nangamandla akho ephela, nangengqondo yakho iphela.' Luka 10:27. Ukumthanda, Lowo ungunaphakade, uSolwazi, uSomandla, ngamandla onke, nangengqondo, nangentliziyo, kuthetha ukuphuhla okukhulu kakhulu awo onke amandla. Kuthetha ukuba umntu ewonke ephelele—umzimba, ingqondo, kwakunye nomphefumlo—umfanekiselo kaThixo kufuneka ebuyiselwe."—*Education,* p. 16.

Ngenxa yokuba uYehova elithende lwalo lonke ulwazi oluyinene, yonke imfundo yenene, yonke imfundo yobuKristu imele ukuzikhokelela iingqondo kuYe nakoko akutyhilileyo ngokwaKhe ngaYe. Ngendalo, ngeLizwi elibhaliweyo, ngesityhilelo sikaKristu kwelo Lizwi liBhaliweyo, sinikwe konke esikudingayo, kwanokunye, ukuze sifike kubudlelane neNkosi yethu nokuba, ngokwenene, siyithande ngentliziyo yethu yonke nangomphefumlo wonke. Nendalo, yonakele injalo kumawaka eminyaka yesono, isathetha, kwangamandla, ngokulunga nesimilo sikaThixo xa ifundwa ngendlela esiyinikwe sisiBhalo. Sekunjalo, iLizwi eliBhaliweyo, iziBhalo, lingumgangatho ogqibeleleyo wenyaniso, esona sityhilelo sikhulu esinaso sokuba ungubani uThixo nokuba yintoni asenzele yona nayenzela uluntu. IsiBhalo, nesigidimi sendalo nokuhlangulwa, kufuneka zibe sembindini wayo yonke imfundo yobuKristu.

Umpostile uYohane wathi uYesu Kristu "Lukhanyiso . . . olubakhanyiselayo abantu bonke abeza ehlabathini" (Yohane 1:9). Ngamanye amazwi, njengokuba ngoKristu kuphela wonke umntu unobomi, ngoYesu wonke umntu wamkela ukukhanya okuthile kwemitha yokukhanya kwezulu, ukuyiqonda okuthile inyaniso nokulunga kwangasentla.

Kanti ke, sonke sisedabini, imbambano enkulu, apho utshaba lwemiphefumlo lusebenza ngokukhuthala ukusithintela ekwamkeleni olu lwazi. Kungoko, nokuba yintoni enye equkwe kwimfundo yobuKristu, kufuneka ngokucacileyo izame ukubanceda abafundi ukuba bakuqonde kakuhle ukukhanya uThixo asinika kona esezulwini.

Kungenjalo, yintoni? Njengoko watshoyo uYesu, "Kuba komnceda ntoni na umntu, ukuba uthe walizuza ihlabathi liphela, waza wonakalelwa ngumphefumlo wakhe?" (Marko 8:36). Ilulutho ngantoni imfundo enkulu ngezesayensi, okanye uncwadi, okanye ezendyebo, okanye ubunjineli xa, ekugqibeleni, uza kujongana nokufa kwesibini edikeni lomlilo? Impendulo icacile, akunjalo?

Ngoko ke, siphethe lo mxholo kwisifundo sethu sale kota. Kuthetha ntoni ukuba nemfundo yobuKristu," kwaye, njengebandla, ngandlela ithile, singenza njani ukuba onke amalungu ethu akwazi ukuyifumana imfundo enjalo?

Isikhokelo Sesifundo SeSikolo SeSabatha Sabantu Abadala sibhalwe ngabaphathi abaziintloko ngokwahlukeneyo zeekholeji neeyunivesithi zeBandla laBalindi kwiMelika engasentla.